URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Deborah Williams**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Deborah.Williams@westerncape.gov.za | 021 467 2407

Inombolo yefayili.: 19/2/P
Isalathiso: 20240402-2830

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0006/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli naBacebisi boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukusiwa kweNgxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo kwiBakala 12 kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zango-2023**

1. ISebe leMfundo esiSiseko likazwelonke (iSebe i-*DBE*) likhuphe iNgxelo engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo ngo-2023 (2023 *Diagnostic Report on Learner Performance*) kuviwo lwe-*NSC*. Le ngxelo iqulunqwe kwizifundo ezinamanani aphezulu abafundi ababhalisileyo *(high enrolment subjects*), iiLwimi zeeNkobe nezifundo zeTekhnoloji.

2. INgxelo ka-2023 engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo icwangciswe ngokwamacandelo amathathu:

   Icandelo 1: Izifundo zekhontenti (ezingezizo iilwimi)
   Icandelo 2: IiLwimi
   Icandelo 3: Izifundo zeThekhnoloji.

3. Le ngxelo mayihanjiswe ezikolweni yaye makuxoxwe kuboniswane ngayo nazo zonke izikolo ezifundisa iBakala 12.

4. Ingcaciso enikiweyo kwisifundo ngasinye iquka:

   - ingqiqo nolwazi oluphangaleleyo *(insight*) kwindlela abaviwa abaqhuba ngayo;
   - indlela abaviwa abaqhuba ngayo ngombuzo ngamnye kuwo onke amaphepha esifundo; kunye
   - nenye ingcaciso echaphazelekayo kuqukwa neempazamo eziqhelekileyo ezenziweyo kwakunye neengcebiso ngemiba engokuphuculwa komgangatho.

5. INgxelo ka-2023 engokuQwalasela iiNgxaki kwiNdlela aBafundi abaqhube ngayo iyafumaneka kwiziko lewebhu leSebe i-*DBE*. Kunokusetyenziswa le linki ilandelayo ukungena kwiziko lewebhu le-DBE: https://www.education.gov.za/Resources/Reports.aspx

6. Kucelwa amagosa ezithili neenqununu zazise bonke ootitshala abachaphazelekayo okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane ukuze bakuthathele ingqalelo.

**SIGNED: B LORISTON**
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA**: 2024-04-04